an agency of the
Department of Sport, Arts & Culture
The KwaZulu-Natal Performing Arts Company
Declared in terms of section 3(1) of the Cultural Institutions Act, 1998(Act No 119 of 1998) on 01 April 2003
PO Box 5353, DURBAN, 4000, 29 Acutt Street, DURBAN, 4001, KwaZulu-Natal, South Africa
Tel: (031) 3699555, Fax: (031) 306 2166, Production Services Mayville, Tel (031) 208 4171 Fax: (031) 208 4162
http://www.playhousecompany.com

**I-PLAYHOUSE COMPANY**

**ISICELO SESINIKI-MAXABISO SOKUTSHINTSHA IZITULO EZIKWITHIYETHA YE-OPERA NEYEDRAMA E-PLAYHOUSE COMPANY, ETHEKWINI.**

**INOMBOLO YESALATHISI: PHC73/2022**

I-Playhouse Company liZiko leNkcubeko elibhaliswe phantsi kweCandelo 3(1) loMthetho wamaZiko eNkcubeko ka-1988, ukuze liqhubele phambili uBugcisa neNkcubeko kwiPhondo laKwaZulu-Natala.

Kucelwa abaniki-nkonzo ukuba bafake izicelo zeziniki-maxabiso zokutshintsha izitulo kwithiyetha yeOpera neyeDrama kwiziko iPlayhouse Company, eThekwini.

Umsebenzi oza kwenziwa uquka ezi zinto zilandelayo:
- Ukuzikhupha zonke izitulo ezikwithiyetha yeOpera neyeDrama kufakelwe ezitsha.
- Kwithiyetha yeOpera kufuneka izitulo ezitsha ezili-1250.
- Kwithiyetha yeDrama kufuneka izitulo ezitsha ezingama-480.
- Ezi zitulo kufuneka zenziwe ngelaphu elingahlalwa ziintsholongwane (*microbial fabric*).
- Imibala yelaphu nesampuli yelaphu elingahlalwa ziintsholongwane ziza kuboniswa kwintlanganiso enika iinkcukacha ngesiniki-maxabiso;
- Indawo yokunqika naleyo engaphantsi kwesitulo kufuneka zenziwe ngeplanga elikudidi oluphezulu.
- Abaniki-nkonzo abafake izicelo baza bagqithela kumjikelo olandelayo wabo bafanelekileyo baza kucelwa ukuba bazise isampuli epheleleyo yesitulo esifunekayo esinazo zonke izinto ezifunwayo kuquka nezinye iinkcukacha eziza kuchazwa kwintlanganiso eza kubanjelwa kwisiza ekunyanzelekileyo ukuba ibanjwe.

**Izinto eziyimfuneko kwabo bakulungeleyo ukuwenza lo msebenzi zidlweliswe apha ngezantsi:**
- Umniki-nkonzo obhalisiweyo kuvimba ongundoqo weenkcukacha zabaniki-nkonzo kaNondyebo kaZwelonke (C.S.D).
- Isiqinisekiso sokuHlawula iRhafu esisemthethweni okanye i-*pin* ekhutshwe yinkonzo yakwaSARS;
- Iingxelo zemali zeminyaka emi-3 edlulileyo ezisandul'ukuphicothwa;
- Iifom zeSBD ezizalisiweyo zaza zatyikitywa;
- Ukuhlangabezana nenkqubo yokuphendula;
- Kufuneka intelekelelo yeendleko ingeniswe ngqo kule dilesi ikhankanywe apha ngezantsi.

Amaxwebhu eziniki-maxabiso aza kufumaneka kwiOfisi eyiNtloko yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street ukususela ngentsimbi **ye-10h00** kusasa ngomhla wama-**19 kweyeThupha ngo-2022.** Kufuneka uhlawule umrhumo ongabuyiswayo wama-R 350 oziinkozo kuMnu. Sudesh Harilal (umnx. 9443) ukuze ufumane uxwebhu lwesiniki-maxabiso.

Kuza kubanjwa indibano enyanzelekileyo yokuhlola isiza **ngomhla we-26 kweyeThupha ngo-2022 ngentsimbi ye-10h00** kusasa ePlayhouse Company, 231 Anton Lembede Street, Durban kwithiyetha yeOpera.

**Umhla wokuvalwa** kokungeniswa kwezicelo zeziniki-maxabiso ngumhla wama-**20 kweyeMsintsi ngo-2022 ngentsimbi ye-11h00 ngentlazane**. Azisayi kwamkelwa izicelo ezingeniswe emva kwexesha. Kufuneka amaxwebhu athunyelwayo abhalwe ngokucacileyo, afakwe kwimvulophu/kwipasile etywiniweyo aze abhalwe ukuba aya kwiNgqonyela yasePlayhouse Company, 29 Acutt Street, Durban 4001.

*Xa unemibuzo ungaqhagamshelana no*Mnu. Siya Manqele kule nombolo yomnxeba: 031- 369 9507 okanye kule dilesi accountingassistant@playhousecompany.com